URhulumente
weNtshona Koloni

IMicimbi yeNkcubeko neMidlalo

INKQUBO YOLWALUKO YASENTSHONA KOLONI

Incwadana yeenkcukacha

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo isithatha njengesibophelelayo isindululo somthetho esithetha ngokhuselo, ukhuthazo nolondolozo lwezoBugcisa, iNkcubeko neLifa leMveli kwiphondo.

Iprojekthi yolwaluko yaseNtshona Koloni ikhokelwa ikwaqhutywa liSebe lwMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, imibutho yasekuhlaleni kunye nabalondolozi besiko olwaluko bexhaswa liQela laMasebe ajongene nolwaluko eNtshona Koloni i Western Cape Initiation Interdepartmental Task Team.

Injongo yeSebe ngezolwaluko

Kukudala imeko ekhuselekileyo nevumayo ukuba isiko lolwaluko olususa umntwana limsa ebuntwini obudala nasekubeni ngummi ogqibeleleyo, lenziwa ngemfezeko nocikizeko.

IiForam zoLwaluko

Ukuze libe noqhagamshelwano nabahlali, iSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo liseke imibutho ebizwa ngokuba ziiforam zolwaluko ezimele abahlali abalenzayo isiko lokwaluka eNtshona Koloni. Ngoko ke, iiforam zolwaluko ziindawo zokuqala ekuyiwa kuzo yaye kufuneka zikho kwezo ndawo zinabantu abalilandelayo isiko lokwaluka apha ePhondweni.

Amanyathelo amawathatyathwe xa ufuna ukwalusa unyana wakho eNtshona Koloni

1. Ngonyaka ngamnye aba mabini amaxesha ekungenwa ngawo esuthwini ngamakhwenkwe, kusebusika (kuCanzibe / kweyeSilimela / kweyeKhala) nasehlotyeni (kweyeNkanga / kweyoMnga / kweyoMqungu). Abazali, ngala maxesha, kulindeleke ukuba babathumele esuthwini oonyana babo.
2. Usapho lwenkwenkwe kufuneka luvumelane lonke ngokungena kwayo esuthwini.
3. Mlungise ngokwaneleyo unyana wakho ngokulandela inkqubo emiselweyo engqamene nolwaluko ingakumbi ulwazi ngezinto zeemveli (kubalulekile ukuba unyana ayazi ukuba kungani efanelwe kukwaluka).
4. Yiya kuva kwiforam ekufuphi nalapho uhlala khona ukuba yintoni na ekufuneka uyenzile ukulungiselela umntwana wakho phambi kokuba aye esuthwini.
5. Thatha unyana wakho umse kwagqirha ukuze ahlolwe ukuba ukulungele na phofu ukuya esikweni, kangangenyanga ezimbini phambi komhla wokwaluka. Kungcono ukuba unyana umse kwikliniki ekufutshane kuwe ubuncinane kabini ngenyanga nganye kwela thuba lizinyanga ezimbini phambi komhla wokwaluka.

Ugqirha kufuneka akunike isiqinisekiso sokuba ukulungele, ze wena usiveze phambi kweforam yolwaluko naphambi kwengcibi. Yiqondisise into yokuba akasayi kuvunyelwa ukuba oluke unyana wakho singekho esi siqinisekiso.

6. Buza phaya kwiforam yolwaluko yendawo yakho ukuba yeyiphi na ingcibi enamava onokuya kuyo nekhankatha elinamava onokuyi sebenzisa okanye ke ungeza neyakho ingcibi kunye nelakho ikhankatha phambi kweforam. Kufuneka uqinisekise ingcibi oze nalo bayadibana babonisane ngendlela nenkqubo eza kulandelwa ngexesha unyana wakho esentabeni..

7. Ukutya komkhwetha kufuneka kuphume ekhayeni lakhe kuphela. Ukutya okusuka ekhaya makulinganiselwe isidlo eso ukuze kungabikho kutya kulahlwayo kudale iimpukane neentsholongwane kwimeko yamaXhosa. AmaHlubi nabeSotho bakuphekela entabeni ukutya kwabakhwetha. **UMKHWETHA MAKANGAYINIKWA IMALI. UTYWALA, IZIYOBISI KUNYE NAYIPHI NA ENYE INTO EFANA NEZI ZINTO AZIVUMELEKANGA KWAPHELA NANINI NA ESUTHWINI.**

8. Utata oyintloko yekhaya kufuneka amhambele rhoqo umkhwetha aqinisekise ukuba ikhankatha liwenza ngolu hlobo lilindeleke ukuba liwenze ngalo umsebenzi walo yaye amane emhlola umntwana ukukhangela ukuba uyaphila na.

Isebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo lijongene noqeqesho lwamakhankatha kwezoncedo lokuqala

Iingxelo zinikwa kwiiseshini zeeforamu

9. **ZINGCE. MMELE UNYANA WAKHO DE KUBE SEKUGQIBELENI. MUSA UKUMSHIYA EZANDLENI ZABANTU ONGABAZIYO. UMNTWANA WAKHO MAKAPHUME ESUTHWINI XA LIFIKILE IXESHA LOKO YAYE EPHILILE!!!**

Ukuba ufuna iingcebiso ezithe vetshe yiya kwiforam ekufutshane nawe kwezi zidweliswe apha ngezantsi okanye uqhagamshelane neemanejala weprojekthi
uMnu C Williams kulo mnxeba 021 4839717, iseli 0730840312
i-imeyili Clement.Wiliams@westerncape.gov.za

IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO ZOOSIHLALO BAMAQONGA OLWALUKO (IIFORAMU)

No.	Iqonga lolwaluko	Usihlalo	Inombolo yoqhagamshelwano	Indawo yokwalusela
1	Ashton	Mnu David Mrhwebi Mnu Michael Mjenxane	0605210690/0761157934 0738284213	Zolani initiation site Langeberg Mountain initiation site
2	Beaufort West	Mnu Thabo Foloti Mnu Coenraad Koeberg Mnu Thamsanqa Ndluzela	072 903 8940 0738951149 0833870595	Ezimfeneni initiation site Gwana initiation site Droerivier Initiation site
3	Bonnievale	Mnu Pawule Mnu Richard Mhlambeli	0787827173 0790542477	Mountainview initiation site
4	Ceres	Mnu Nompondwana Mnu Phidiso Lethunya	0793294563 0838793642	Gulf Estate initiation site Mitchell's Pass initiation site
5	De Doorns	Mnu Motseki Mnu Mongezi Thotho	0722109447 0842610993 / 0638010635	Kloof 1 initiation site Kloof 2 initiation site

IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO ZOOSIHLALO BAMAQONGA OLWALUKO (IIFORAMU)

No.	Iqonga lolwaluko	Usihlalo	Inombolo yoqhagamshelwano	Indawo yokwalusela
6	Delft	Mnu Vulithuba Toto Nongwe Mnu Ernest Ntlahla	0634913164 0782326432	Delft initiation site
7	Driftsands	Mnu Mandlenkosi Memeza Mnu Manelisi Swelindawo	0786273538 0655618519	Driftsands initiation site
8	George	Mnu Mzwandile Gingcana Mnu Ntsikelelo Mqhokrwana	0717736565 0785552355	Phelandaba / Zone 9/ Old Brick / LTA/ Lawaaikamp initiation sites
9	Grabouw	Mnu David Lekena	0728831443	Grabouw initiation site
10	Hazeldene	Mnu Prince Joko	0848687970	Hazeldene
10	Heidelburg	Mnu Johannes Mduma Mnu Wilson Mfundisi	0784017732 0784270892	Kairos initiation sites
11	Hermanus	Mnu Thamsanqa Poni Mnu Neo Ponoane	0727396703 0844694064	Zwelihle initiation site Hemel-en-Aarde initiation site
12	Khayamandi	Mnu Isaac Monaheng Mnu Luvuyo Swartbooi	0833380980 0728105423	Khayamandi / Idas Valley initiation sites
13	Khayelitsha	Mnu Thembelani Mtotywa Mnu Mbombi Mazinyo	0788769952/0796754525 0731802489	Mandalay / Lookout Hill / Dontsana initiation sites
14	Knysna	Mnu Mlungisi Blaai Mnu Justice Xhonti	0784254722 0788623681	Damsebos initiation site Old Abattoir initiation site
15	Laingville (St. Helena Bay)	Mnu Themba Xhalisile Mnu George Magogotya	0837132957 0799337873	Laingville initiation site

IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO ZOOSIHLALO BAMAQONGA OLWALUKO (IIFORAMU)

No.	Iqonga lolwaluko	Usihlalo	Inombolo yoqhagamshelwano	Indawo yokwalusela
16	Langa (Embo)	Mnu C Katangana Mnu Monde Mqingwana	0722326234 0828607359	Langa initiation site
17	Lwandle	Mnu Fumbata Sidwell Majikijela Mnu Lolile John Oliphant	0838814485 0784061138	Sir Lowry's Pass mountain initiation site
18	Mbekweni	Mnu Phathekile Hans Mnu Goodman Mtwebana	073 466 6654 0783235256	Mbekweni initiation site
19	Mfuleni	Mnu Charlton Rayi Mnu Mekeni Tshalisi	0786513324 0739209083	Mfuleni initiation site
20	Mossel Bay	Mnu Mgcineni Dumezweni Mnu Andile Tutela	0732235291 0835068149	KwaNonkqaba/ Asla / Bokwe initiation sites
21	Murraysburg	Mnu Mthetheli Mckenzie Nkosikho Klaas Mgcina (ingcibi)	0739435435 0714876376	Ezihagwini initiation site Commonage initiation site
22	Nyanga Junction	Mnu Andile Siyo	0829530465	Nyanga Junction initiation site
23	Oudtshoorn	Mnu Lizo Dani Mnu Amos Myo	0795200163 0784960919/08272411461	Bongoletu initiation site
24	Oudtshoorn Khoisan Ga'ibhaiqua Initiation Forum	Mnu Hermanus Baadjies Mnu Willem Jansen	0620722194 0603936151	Oudtshoorn Initiation site
25	Phillipi	Mnu Nicholas Tiya Mnu Sikelela Zokufa	0720360522 0737726574	Joe Gqabi initiation site

IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO ZOOSIHLALO BAMAQONGA OLWALUKO (IIFORAMU)

No.	Iqonga lolwaluko	Usihlalo	Inombolo yoqhagamshelwano	Indawo yokwalusela
26	Plettenberg Bay	Mnu Mbuyiselo Dani Mnu Thobela Desi	0789858293 0719900384	Dyasi / New Extension / Reservoir initiation sites
27	Riversdale	Mnu Wandile Hans Mnu Siboniso Ndengane	0825435154 0835045556	KwaNokuthula initiation site
28	Robertson	Mnu Litha Sibhara Mnu John Adonisi	0746740590 0826613744	Nkqubela initiation site
29	Saldanha Bay	Mnu Skhoma	0717940546 0635444056	Saldanha Bay initiation site
30	Swellendam	Mr Aaron	0630024386	Smartietown initiation site
31	Vredenburg	Ceba Mawawa Mnu Michael Phakamisa Khulu	0730344618 0783336352	Vredenburg initiation site
32	Wolseley	Mnu Stanley Ndabeni Mnu Rufus Swangaza	0738626860 0784375609	Pine Valley initiation site
33	Worcester	Mnu Mtheza Mkhiwane Mnu Thabang Sebetoane	0825960036 0787793341	Zweletemba initiation site Skietbaan initiation site

IINOMBOLO ZAMAXA KAXAKEKA

Ulawulo lwemililo neentlekele zendalo	107 kumnxeba wasekhaya 112 kwiselula
Amapolisa	10111
Inqwelo yezigulane	10177

INtloko yezoQhakamshelwano
ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
Private Bag X9067, eKapa, 8000
Umnxeba: +27 21 483 9877
www.westerncape.gov.za /dcas

URhulumente
weNtshona Koloni